basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE

## IBANGA 12

## XHOFA.2

## ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)

## IPHEPHA LESIBINI (P2)

## FEBRUWARI/MATSHI 2017

**AMANQAKU: 70**

**IXESHA: Iiyure 2**

**Olu viwo lunamaphepha angama-22.**

# MORNING SESSION

## IMIYALELO NENGCACISO

1. Funda le miyalelo ngenyameko phambi kokuba uqalise ukuphendula imibuzo.

2. MUSA ukuzama ukufunda lonke iphepha lemibuzo. Yiya kwiphepha lesiqulatho elilandelayo uze uphawule amanani emibuzo esetwe kwiincwadi ozifundileyo kulo nyaka. Emva koko, funda le mibuzo uze ukhethe leyo ufuna ukuyiphendula.

3. Eli phepha LINAMACANDELO amaNE:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Inoveli | (35) |
| ICANDELO B: | Idrama | (35) |
| ICANDELO C: | Amabali amafutshane | (35) |
| ICANDELO D: | Isihobe | (35) |

4. Phendula IMIBUZO EMIBINI iyonke: umbuzo NGAMNYE ukhethwa NAKUWAPHI amacandelo amaBINI.

   ICANDELO A: INOVELI
   Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

   ICANDELO B: IDRAMA
   Phendula umbuzo kwidrama oyifundileyo.

   ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE
   Phendula imibuzo esetwe kumabali amafutshane OMABINI.

   ICANDELO D: IMIBONGO
   Phendula imibuzo esetwe kwimibongo YOMIBINI.

5. Sebenzisa itshekhlisti ukuzincedisa.

6. Landela imiyalelo esekuqaleni KWECANDELO NGALINYE ngononophelo.

7. Nombola iimpendulo zakho kanye ngokwendlela ekunonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

8. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

9. Ingcebiso yokulawula ixesha: Sebenzisa imizuzu engama-60 KWICANDELO NGALINYE.

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

**IPHEPHA LESIQULATHO**

Eli phepha liza kukunceda ukwazi ukukhetha imibuzo ofuna ukuyiphendula ngaphandle kokufunda lonke iphepha.

| ICANDELO A: INOVELI<br><br>Phendula imibuzo ekwinoveli oyifundisiweyo. | | |
|---|---|---|
| **INANI LOMBUZO** | **AMANQAKU** | **IPHEPHA** |
| 1. *Kusa Kusihlwa* | 35 | 5 |
| | | |
| 2. *Umqol'uphandle* | 35 | 8 |
| **ICANDELO B: IDRAMA**<br><br>**Phendula imibuzo ekwidrama oyifundisiweyo.** | | |
| 3. *Ndiyekeni* | 35 | 11 |
| **ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kumabali amafutshane.** | | |
| 4.1 'Ndakuyicela ivuthiwe' | 17 | 16 |
| | | |
| 4.2 'Itutu Lasetikitiki' | 18 | 17 |
| **ICANDELO D: ISIHOBE**<br><br>**Phendula YOMIBINI imibuzo esetwe kwimibongo.** | | |
| 5.1 'Inkonjane' | 18 | 19 |
| | | |
| 5.2 'Funzela enzulwini' | 17 | 20 |


WESTERN CAPE

**ITSHEKHLISTI**

| ICANDELO | AMANANI EMIBUZO | INANI LEMIBUZO EPHENDU LWAYO | PHAWULA (√) |
|---|---|---|---|
| A: Inoveli<br><br>*(Kusa Kusihlwa)*<br>*(Umqol'uphandle)* | 1–2 | 1 | |
| **OKANYE** | | | |
| B: Idrama<br><br>*(Ndiyekeni)* | 3 | 1 | |
| **OKANYE** | | | |
| C: Amabali amafutshane<br><br>('Ndakuyicela ivuthiwe')<br>('Itutu Lasetikitiki') | 4 | 1 | |
| **OKANYE** | | | |
| D: Isihobe<br><br>('Inkonjane')<br>('Funzela enzulwini') | 5 | 1 | |

**QAPHELA:** Qinisekisa ukuba uphendule imibuzo kumaCandelo amaBINI kuphela.


WESTERN CAPE

## ICANDELO A: INOVELI

Phendula umbuzo kwinoveli oyifundileyo.

## UMBUZO 1: *KUSA KUSIHLWA* – KS Bongela

1.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

### ISICATSHULWA A

> Ngalo lonke ixesha uMpumelelo asemfundweni, izinto ekhaya azizange zihambe kakuhle. Kwaba ngathi kuthe cwaka isithutyana nje esincinci emveni kokusweleka kukaLungile nomkakhe, zavela iinkathazo ezibangwa ngumona. Kuthe kanti intlanganiso kaNozililo neqela lakhe iza kuzala ububi. Kwaqala mini kwemkiwa ngabahlobo bakhe. Washiyeka exushana nendoda yakhe ngomcimbi wevenkile.
> 'Yise kaMalungisa!'
>
> 'Ndiyasabela, mfazi.'
>
> 'Uya kuyiyekelela kude kube nini le venkile apha kwaNtsibande?'
>
> 'Kaloku mfazi naxa yona iyeyakwaMakhwetshu ngemveli iincwadi zona zalatha ukuba yeyakwaNtsibande.'
>
> 'Wowu, kanene uza kuba ucikoza into ongayaziyo nongayikhathaleleyo, kuba kaloku umthetho lo wakho usuka kade ezintweni. Wethu, akukho lifa lakha lathengiswa abantu balo bekho. Phulaphula ndikuxelele mna mntu uyiphandileyo le nto. Laa msuthu uMosia lo wafumana le venkile kuvakala ukuba akazange abe namaphepha asisiqinisekiso sokuba wayithenga ngokusemthethweni.'
>
> 'Uyazela phi loo nto wena?'
> 'Musa ukundingxamela SekaMalungisa. Ikho into ethi wayifumana ngomgunyathi bedibene notatomncinci uSondlo. Ngenxa yokuba uMosia wayenemali, waqhatha utatomncinci wamseza notywala kwenziwa izigqibo. Abantu abaninzi kuthiwa utatomncinci wayehamba ebaxelela ukuba uyithengisile, nanjengoko nathi sisazi loo nto.'
> 'Awu, kanti kunjalo?'
> 'Usabuza wena,' itshilo imazi.
> 'Ingenzeka njani, mfazi, into yokuba ivenkile ibe seyikwaNtsibande kanti ngumgunyathi?'

1.1.1 Xela iingxaki zibe MBINI ezathi zavelela ikhaya lakwaNtsibande emva kokubhubha kukaLungile noNomakhwezi. (2)

1.1.2 Nika isizathu esibangela ukuba uNozililo abe lutshaba lwakwaNtsibande. (2)

1.1.3 Nika intsingiselo yegama 'ngomgunyathi' elikwisicatshulwa. (1)

1.1.4 Ingaba sisiphi isizathu sokuba uNozililo athethe la mazwi akrwelelwe umgca ngaphantsi kuNtongana? (2)

1.1.5 Nika uphawu olubonisa ukuba le ncwadi yinoveli ngokukhetha impendulo echanekileyo ngezantsi:

A Abalinganiswa abakhoyo bambalwa.
B Umbhali ubalisa ngokwakhe.
C Abalinganiswa bayazithethela.
D Ibali lineziganeko eziquphayo. (1)

1.1.6 Ngqina ukuba umlinganiswa uMpumelelo ulilandele igama lakhe. (2)

1.1.7 Xela ukuba lityhila luphi uhlobo localucalulo eli binzana lilandelayo.

'Laa msuthu …' (1)

1.1.8 Nika ubungqina obutyhila ukuba uMpumelelo kwamchaphazela ngokwasengqondweni ukutsha kwabazali bakhe. (2)

1.1.9 Khetha kwizibiyeli udidi lozobo olusetyenziswe ukuzoba isimo sikaNozililo kwincoko yakhe nomyeni wakhe. (Luzobo ngqo/Luzobo mayana/Luzobo olungelulo). Xhasa impendulo yakho. (2)

1.1.10 Ingaba uNozililo waphumelela kwiyelenqe lokuphambanisa uMpumelelo? Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

1.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA B**

Emva kokuba kwenziwe amatheko kaMpumelelo ndawo-nye nokunikwa intsikelelo kwivenkile yakhe, izinto zibonise inguqulelo. Ivenkile yathanda ukuba nabantu abaninzi ngokumangalisayo, izale lide litshone ilanga. Le nto yenza ukuba uThamsanqa aqeshe abanye abantu bokuncedisa. Yayiqwela ukuzala ngempela-veki nangeeKrisimesi. Nalaa nto kwakuxambulisana ngayo yaduka esithubeni kuba amagqwetha kaNozililo aminxwa kukulahleka kobungqina neencwadi zemvumelwano phakathi kukaSondlo noMosia. Kwabanzima ngakumbi akungafumaneki uMosia. Zaba ezo mali zikaNozililo nomyeni wakhe ziyatshona.

Sigqibelene nabo bevalelwe ngesityholo sokuncedisa nokuyila iyelenqe lokutshisa ivenkile kaMpumelelo. Athi akuba elugqibile amapolisa uphando, alifaka ityala. UNozililo wafuna igqwetha lokuba libathethelele. Ngenxa yokufa komntu owabulawa ngamapolisa, ityala lanyanzeleka ukuba liye ejajini.

Bakhanyela mpela ukuba babenento yokwenza **nokuqulunqwa kweyelenqe** lokutshisa. Ngenxa yokuba aba tsotsi babeqeshwe nguNozililo babeyimigulukudu eyaziwayo, kwaba nzima ukuba ingakholeleka inkcazo yabo. Negqwetha likaNozililo lavuthuza libonisa ukuba abantu abanesidima nabahlonelekileyo abanjengaba abanakuze bayenze into ephantsi olo hlobo nabantu abaziwa ngobugulukudu. OoNozililo bayikhanyela into yokuba

abevani nabantu bakwaNtsibande. Beza namangqina okubonisa ukuba babezitshomi noNomakhwezi esaphila. Baba ngaloo ndlela bayaliphumelela ityala. Imigulukudu yashiyeka entolongweni idontsa iminyaka. Nakwesiya siganeko sokuhlatywa komntu emdanisweni kaMpumelelo, lakha lafuna ukumeyama ityala kodwa nalapho walibhebhetha. Waba uyayishiya intolongo emva kokuvalelwa iinyanga ezintathu.

1.2.1 Xela ukuba uyintoni uThamsanqa kuMpumelelo. (1)

1.2.2 Wayencedisana nabani uThamsanqa evenkileni? (1)

1.2.3 Isiganeko sokutshiselwa kukaNozililo noNtongana endlwini sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.4 Ucinga ukuba yintoni injongo yombhali yokuba nomlinganiswa onguNozililo kweli bali? (2)

1.2.5 Xela ukuba ingumqondiso wantoni ikati emnyama ngokwasebalini. Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.6 Kusisigqebelo njani ukuhlatywa komtshana kaNozililo emdaniisweni? (2)

1.2.7 Chaza indlela eyenzeka ngayo ingozi yemoto eyabulala uLungile noNomakhwezi. (2)

1.2.8 Tshatisa indima EKUKHOLAM B nomlinganiswa oyidlalayo OKUKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) UNozililo | (i) Ngunyana kaNtongana. |
| (b) UMpumelelo | (ii) Ngunyana kaLungile. |
| | (iii) Yinkosikazi kaNtongana. |

(2 x 1) (2)

1.2.9 Nika izenzo EZIBINI ezityhila ukuba ubuhlobo bukaNozililo kwikhaya lakwaNtsibande babunganyanisekanga. (2)

1.2.10 Nika umxholo wale ncwadi. (2)

**[35]**

## UMBUZO 2: *UMQOL'UPHANDLE* – PM Ngani

2.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA C**

'Ngokwenene andiphumeleli ukuya ebhayo namhlanje ... Ewe, iseyilaa ngqele uyaziyo nawe; isandithe chu, kunjalonje ngathi indibuyele ngamandla ... Sukufan'ukhathazeke okanye uzenze umntu okhathazekileyo.'

'Uyifumene laa ncwadi yam? ... Bendingaqhuli kwinto ebendiyithetha. Nangoku ulifumene ithuba lokudibana nesaa sithandwa sakho sesibini. <u>Kunjalonje sesona usithandayo kunam</u> ... Sundibuza; uyamazi umntu endithetha yena ... Ukhanyel'into'yaziyo; uyamazi umntu endithetha yena.' Utsho ehleka uLinda, elindele ukuva ukuba uEddie uza kuhleka athini na yena.

Ibenye asuke wayiva – isithongakazi esilumezayo <u>sokugadlelwa</u> komqheba wokuphulaphula, sivela ngakwicala likaEddie. Uthe uLinda ekhwaza, 'Eddie! Eddie!!' – kwabe sekungasekho Eddie wumbi.

Uwubeke phantsi nowakhe umqheba, wazimbombozelela, 'Unkabi unomsindwana wepeni. Qabu ekude kum kungenjalo bendiya kuvana nempama yakhe ngawo kanye lo mzuzu.'

ULinda uvuyiswe yileyo kanye yokuphawula ukuba isithandwa sakhe siyajwaqeka ngumsindo. Kwizinto awayekholisa ukumqhula ngazo uEddie, eyona wayeyithiyile kukuxelelwa ngesithandwa esisesinye. NoLinda ngokwakhe wayenamagxa. **Into eyayinjengaye yayikwazela phi ukuthuma udlalani onjengoEddie ukuba aye kwezinye iintokazi?**

'Noko uEddie lo uselusana,' uvakele esitsho. 'Akeva naxa sendimqhula. Xa bendimqhulela ntoni ke mna ngolu hlobo? Ngoku ndiza kudibana naye seligqabi ngumsindo. Ukuba akandibethanga uya kuba undilibele.'

2.1.1 Xela ukuba badityaniswa yintoni uLinda noEddie. (1)

2.1.2 Chaza uvakalelo lukaLinda oluvezwa yintetho yakhe ekrwelelwe umgca ngaphantsi. (1)

2.1.3 Wayekweyiphi imeko uLinda ukuphuma kwakhe kwaMaKheswa? (1)

2.1.4 Tshatisa indima EKUKHOLAM B nomlinganiswa oyidlalayo OKUKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) UHlobo | (i) Lilungu lekomiti yaseMoonglow. |
| (b) UThembisa Ntlokonkulu | (ii) NguNobhala waseMoonglow. |
| (c) UJoe Bumba | (iii) Lipolisa elingumcuphi. |
| | (iv) Ngumnini weRio Cinema. |

(3 x 1) (3)

2.1.5 Xela isafobe esikwesi sivakalisi singezantsi nenjongo yokusetyenziswa kwaso.

Xa bendimqhulela ntoni ke mna ngolu hlobo? (2)

2.1.6 Khetha kwizibiyeli udidi lozobo olusetyenziswe ukuzoba uEddie kwisivakalisi esibhalwe ngqindilili. (Luzobo mayana/Luzobo olungelulo.) Xhasa impendulo yakho. (2)

2.1.7 Xela isiganeko esilandela oku kuqhubeka kwisicatshulwa nesiphumo saso kuLinda. (2)

2.1.8 Nika izenzo eziBINI eziveza ukuba uDuma Hlelo uthembekile kuLinda. (2)

2.1.9 Lizisa yiphi intsingiselo igama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa? (2)

2.1.10 Chaza indlela le ncwadi athetha ngayo uLinda eye yasetyenziswa ngayo njengobungqina obumbophelela kwityala lokubulala. (2)

**KUNYE**

2.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA D**

Wabangasuka esithini uHlobo ukuzama ukubophelela omnye umntu kwesi sihelegu, basuka bamkhulela bona ubungqina obubonakalisa ukuba ityala alinamntu wumbi lingaphoswa kuye ngaphandle kukaLinda. Yayingekuba ufuna indlela yokumsindisa kweli tyala koko ikukufuna ukuqinisekisa ukuba akamdyobhi umntwan'abantu ngesityholo esikude naye, azibone seleme phambi kweenkundla zomthetho ngento angayaziyo.

Wayesazi ukuba woba uwukhathazile umphefumlo waloo nzwakazi. **Ukuyixabhela ngesityholo** sokubulala isoka ebejonge iqhina lomtshato kulo, sisono esingenakuxoleleka eso. Laliya kuba yinto igama lakhe ukungcoliseka kuloo dolophu yaseMonti ngokuthob'isidima senzwakazi yeqhayiya nodumo; udumo eyalufumana mhla yanyulelwa isithsaba sokuba yiKumkanikazi yeenzwakazi zaseMonti – ivunywa ngabantu bonke ukufaneleka kwayo kwelo wonga?

Ezo ngcinga zamtsho waziva enyanzelekile ukuba makakhe aphande nzulu ngesi sihelegu sikaEddie noLulama.

Kodwa wayeza kuphanda aqale phi? Onke amabanga wayesele ewanyathele, nombanjwa wayesele ekho esitywetyweni. Angathini ukuthi umsebenzi selewufezile, abe esazilibazisa ngokufuna inenekazi elithenge ibhatyi efana nekaLinda?

Kwakungasekho mntu wumbi unelungelo lokuthenga ibhatyi efana naleyo? Ukuba laliyithenge lingenazinjongo zimbi ngaphandle kokuzalisa umnqweno elaba nawo mhla layibona loo bhatyi inxitywe nguLinda, wayeza kuyithetha nabani leyo?

Mhlawumbi layinqwenela liyibone kuloo venkile yakwaFemina House, lingazange layibona nakuloo Linda.

2.2.1 Xela igama lomntu oze nobungqina be*Mink Coat*. (1)

2.2.2 Nika injongo kaHlobo yokutyelela e*Femina House*. (2)

2.2.3 Ingaba olu tyelelo lwakhe e*Femina House* lwaba yimpumelelo ngokweziphumo zetyala? Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2.4 Xela udidi lwempixano ebonakala kwesi sicatshulwa. (1)

2.2.5 Nika uphawu olubonisa ukuba le ncwadi yinoveli ngokukhetha impendulo echanekileyo ngezantsi:

A Abalinganiswa abakhoyo bambalwa.
B Umbhali ubalisa ngokwakhe.
C Abalinganiswa bayazithethela.
D Ibali lineziganeko eziquphayo. (1)

2.2.6 Chaza isizathu sokuba uEddie ajikelwe ngamalungu ase*Moonglow Night Club*. (2)

2.2.7 Xela ukuba esi siganeko sokunxila kukaLinda senzeka kweliphi inqanaba lesakhiwo sebali. Xhasa impendulo yakho. (2)

2.2.8 Chaza ukuba ngumqondiso wantoni umsesane owawunxitywa nguLinda. (2)

2.2.9 Sibe nasiphumo sini isenzo sikaThembisa Ntlokonkulu sokuzenza umakazi kaEddie kuphando lwetyala lokufa kukaEddie? (2)

2.2.10 Nika umxholo wale noveli. (2)
**[35]**

**AMANQAKU ECANDELO A: 35**

## ICANDELO B: IDRAMA

Phendula umbuzo osetwe kwidrama.

### UMBUZO 3: *NDIYEKENI* – DM Jongilanga

3.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA E**

(*Sekudlule iminyaka emihlanu, uMawonga uxake nabakokwabo. Sibona umkakhe uThandiwe, uNomadinga Zibulo, noNaniwe Longo abahlobo bakaThandiwe kwaLoni.)*

THANDIWE: Hi bafazi, ithiwani into enje ngale yam? Ndiphulukwa yindoda bumini ndibukele.

NANIWE: Hi ntombindini, uthetha ukuthi ubukele awenzanga nomzabalazo lo?

NOMADINGA: Ukuba kunjalo inene Thandiwe ubukela ubengu lujongiswe kuwe.

THANDIWE: Hayi, bafazi ndoyika ukwambula ingubo yomntu, hleze ndalame ndonakalelwe nangaphezulu. Kambe ke igqirha lakubinzwa lizibon'ukungazi. Namhlanje ndinqunyulwe amanqindi.

NOMADINGA: Wethu, chitha indlu kathikoloshe umndulule ngomnquma iimbambo zincazelane.

NANIWE: Ungenzanga oko, yiba nento oyenzayo. Makungathi cwaka.

THANDIWE: Hayi zintombi, leyo into yeyona nto iya kumfaka elwagcibeni.

NANIWE: Hayi ntoni na wethu, uza kulibala kukukhwela emthini amasebe erhuba phantsi?

THANDIWE: Kaloku amadoda athanda ukuthatha icala lasekunene kwakuba njalo. Andifuni kuzenza intlekisa.

NANIWE: Ikho intlekisa engaphezu kweli liso lakho life mnyama?

NOMADINGA: Hayi tshomi, usalindele ukuba yinyhokrolo ukuze aqonde.

THANDIWE: Eyona nto indigqiba umphefumlo kukungayazi imali yale ndoda kule mihla.

NANIWE: **Uza kuyazi phi, ifudumeza kwaZanele nje? Akungeni lubuyayo phaya. Uphi uPhindani? Uphi uMvandaba?**

| | |
|---|---|
| NOMADINGA: | Naba phandl'apha betyiwa ziintwala. Naleya yakho isaya apho. |
| THANDIWE: | Ndiyaliva eli cebo lenu, kodwa ke ndisabize umkhuluwa wakhe umfundisi uRay. |
| NOMADINGA: | Umfundisi uRay uza kumshumayeza uMawonga? Mawo! Obungaphakathi bufuna obungaphandle. |
| NANIWE: | Esathe ti zezi pati zingatshonelwa langa nje akukho ntshumayelo iya kutshisa mithombo. |
| THANDIWE: | Hayi bafazi mandilitsolise. Andisayi kubhenqa tshoba ndizithobe isidima ngokuhamba ndinkqangisa abantu. |

3.1.1 Kwenzeke ntoni kuThandiwe sele esithi 'Ndiphulukwa yindoda bumini ndibukele' nje? (2)

3.1.2 Nika isenzo esithathwa njengokuqala kukaMawonga ukutshintsha isimo. (2)

3.1.3 Chaza isizathu esasibangela ukuba uJekwa athi uMawonga makacelwe arhoxe emsebenzini. (1)

3.1.4 Yintoni edibanisa uThandiwe nesi sibini ancokola naso? (1)

3.1.5 Amazwi kaThandiwe angezantsi aveza ukuba uvakalelwa njani?

'Hayi zintombi, leyo into yeyona nto iya kumfaka elwagcibeni.' (2)

3.1.6 Nika uphawu olubonisa ukuba le ncwadi yidrama ngokukhetha impendulo echanekileyo ngezantsi:

A Abalinganiswa abakhoyo bambalwa.
B Umbhali ubalisa ngokwakhe.
C Kukho imiyalelo yeqonga.
D Ibali lineziganeko eziquphayo. (1)

3.1.7 Sikuliphi inqanaba isiganeko sokuthethiswa kukaMawonga nguNomasoka noRay? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.8 Khetha kwizibiyeli udidi lozobo olusetyenziswe kwisivakalisi esibhalwe ngqindilili ukuzoba uZanele, (Luzobo ngqo/ Luzobo mayana/Luzobo olungelulo). Xhasa impendulo yakho. (2)

3.1.9 Chaza ukuba igama, 'iintwala' lisetyenziswe njengomelo lwantoni. (2)

3.1.10 Ngqina ukulunga kwesenzo sikaMaziko sokuxela uMawonga kuMadala ukuba unxila emsebenzini. Xhasa impendulo yakho. (2)

**KUNYE**

3.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA F**

*(Wagoduka uMawonga akugxothwa kwaFuneka. Kwakusa wazivalela intsasa yonke, emalanga waya edolophini wabuya wazivalela egumbini lakhe. Wavakala ethetha ngorhatya:)*

MAWONGA: Ubomi yintonga yobhedu ekhwela emthini ngamanqanam. Ukuba iphose lalinye ityibilika iye kuwa ezantsi. Umntu akagqitywa ungasiboni isithunzi sakhe nemizila yeenyawo zakhe. <u>Bendisoloko ndisithi ndonakele kanti ndonakalisiwe</u>. Inene, inene, inene-inene ukuba ooNdila aba bacinga ukuba ndisisisulu senkunzi yentwala, yona yoyiswa luzipho, bohlangana nenyoka iphunga umhluzi. Imali yabantwana bam! *(Watsho ubuso buthe nkwa ejonge ngokungathi amehlo akanankophe.)* Engaka yona? *(Waphuma wonda kwaFuneka apho afike kungekho mntu. Wangena ngefestile eyayingavalwanga kakuhle. UFuneka nabahlobo bakhe bafika ngentsimbi yesibini ekuseni, bevela eBhayaskopu bonwabile.)*

FUNEKA: O! *(Ezamla)* Zanele khawenze ikofu wethu.

ZANELE: Yi bethu! Ikofu ebusuku apha?

NDILA: Look girls, get us something cool from the frigerator.

FUNEKA: Ufuna ukulandela umhlobo wakho uMawonga?

NDILA: Akusekho mntu apho.

ZANELE: Shame! Fanukuba unkqonkqoze ubusuku bonke namhlanje.

FUNEKA: Unani engahlali endlwini yakhe nje. Asinaxesha leentaka ezithi zindala nje zibe zifuna umfunzelo.

NDILA: Niyawona ke lo msitho woloyiso.

FUNEKA: Kulungile wethu akukho nto imbi ekuqongqotheni umongo emva kokutya inyama.

ZANELE: Maqela bumkile ubusuku masibeke amathambo ngoku, lide eli thuba.

NDILA: Unyanisile mtshana ngamanyangaza asahleliyo ngeli xesha. (*Zabekwa izitya baya ngeendawo zabo zokulala. Wakhulula uZanele wanxiba ezokulala. Uthe xa ambula iingubo unyawo lwakhe lwakhubeka kwinto ephantsi kwebhedi. Wakroba wasitsho isikhalo. Wangena ebaleka uFuneka noNdila.)*

FUNEKA: Yintoni Zanele?

ZANELE: Yhu! Nanku umntu phaya. (*Esalatha)*

NDILA: Mfondini phuma apho. (*Cwaka)*

NDILA: Ufuna side sikurhole? *(Cwaka)*

FUNEKA: Suka akukho mntu apho. (*Watsho esiya)*

ZANELE: Uzulumke. (*Esoyika)*

FUNEKA: *(Ekrobile)* Tyhinile! NguMawonga ulele.

NDILA: Mtsaleni. Unxilile lowo. (*Bamtsala weza wonke)*

FUNEKA: Yhu! Nkosiyam, akusekho mntu apha.

3.2.1 Xela indawo awaya kuyo uMawonga akugxothwa kwaFuneka. (1)

3.2.2 Abonakalisa ukuba uvakalelwa njani uZanele ngoMawonga la mazwi akhe angezantsi?

'Shame! Fanukuba unkqonkqoze ubusuku bonke namhlanje.' (1)

3.2.3 Chaza imizamo eyenziwe nguMaziko ukususa uMawonga kwisihlalo sobunqununu. (2)

3.2.4 Tshatisa udidi lomlinganiswa OLUKUKHOLAM B negama lakhe ELIKUKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) UMaziko | (i) Umlinganiswa oyintloko. |
| (b) UNdila | (ii) Umlinganiswa onguvalithuba. |
| (c) UMawonga | (iii) Umlinganiswa ongumphixanisi. |
| | (iv) Umlinganiswa ongumchasi. |

(3 x 1) (3)

3.2.5 Chaza umahluko kwintsingiselo yamazwi kaFuneka nakaNdila athi, 'Akusekho mntu apho'. (2)

3.2.6 Ludidi luni lwempixano olutyhilwa yintetho kaMawonga engezantsi? Xhasa impendulo yakho.

'Inene, inene, inene-inene ukuba ooNdila aba bacinga ukuba ndisisisulu ... bohlangana nenyoka iphunga umhluzi. Imali yabantwana bam!' (2)

3.2.7 Nika umxholwana ovelayo kule ngxoxo ikwesi sicatshulwa. (2)

3.2.8 Saba yintoni isiphumo sesisongelo sikaMawonga esiqulethwe ngamazwi angezantsi?

'... bohlangana nenyoka iphunga umhluzi …' (2)

3.2.9 Nika izenzo eziBINI ezingamkelekanga zikaNdila ezichaphazela abantwana besikolo. (2)

3.2.10 Ufundisa ntoni umbhali ngobuhlobo bukaFuneka noZanele kulo mdlalo? (1)

**AMANQAKU ECANDELO B: 35**

## ICANDELO C: AMABALI AMAFUTSHANE

Phendula imibuzo esetwe kumabalana OMABINI.

### UMBUZO 4: *NDAKUYICELA IVUTHIWE* – LL Ngewu no Z Siguqa

4.1 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA G**

Umfazi uthiywe igama lokuba nguNozukile ngethemba lokuba nangani ingazukanga nje indlela yokuza kwakhe kweli khaya, izinto ziya kubuya zilunge. Achithakele amadoda eqonda ukuba unyana kaMchitheki unesibindi. UQolwana yena uchithe nje loo mpela-veki waphindela kwaseThekwini eshiya umfazi noMaVumisa. UNozukile uhleli kamnandi noninazala waye uQolwana engapheli ekhaya.

Esi sibini sivuzwe ngomntwana oyinkwenkwe othiywe igama lokuba ngu-Makwenzeke. Into emothusileyo uNozukile kukufumanisa ukuba uninazala ukroba qho emphandeni. Akabanga nako ukuyinyamezela into yokuphula-phula imbudede yomntu ozivelela etywaleni. Eyona nto ibimgqiba ngamagwijo kaninazala ebevakala esekude ukuba uyeza. Kuye kwacaca esi sibini asinakuhlalisana kakuhle. UNozukile ucinge ukuba aphindele esikolweni ukuya kufunda ecinga ukuba ngokwenza njalo uninazala uza kujongana nekhaya.

Intokazi ilahlele kude impahla zobufazi yangena kwimpahla zesikolo. Ukhuze wancama uMaVumisa koko wabe umntwana waseThekwini enze isigqibo sokuba akanakubuya mva. Uthe chu esikolweni ehamba noMnyamezeli. UMaVumisa ukhe wayithi thsuphe le nyewe kumadoda akwaNdlambe. Asabele amadoda eze kuziqondela. Afike aqobisa, engxolisa uNozukile, emxelela ngozuko lomfazi ukuba lukwisinxibo sakhe. Umfazi waseThekwini akaqheliselanga nokuqhelisela, ebaxelela ukuba akathengelwanga mpahla ngabo. UNgabuni ukhe wathembisa ngenduku, koko le ntokazi yamxelela ukuba angaba ugqibelisile ebomini bakhe ukubetha umntu.

4.1.1 Xela ukuba uQolwana noNozukile babonana phi. (1)

4.1.2 Yintoni eyenziwa nguQolwana eyakhalazisa amadoda akwa-Ndlambe? (2)

4.1.3 Loluphi udidi lozobo olusetyenziswe kwisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.4 Nika impendulo kaNozukile xa amaNdlambe ayemxoxisela isinxibo. (1)

4.1.5 Tshatisa indima edlalwa ngumlinganiswa EKUKHOLAM B nomlinganiswa OKUKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) UQolwana | (i) Yinkonde yakwaNdlambe. |
| (b) UMluleki | (ii) Ngumyeni kaNozukile. |
| (c) UMaVumisa | (iii) Ngumolokazana kaMchitheki. |
| | (iv) Ngumama kaNokwanda. |

(3 x 1) (3)

4.1.6 Tolika la mazwi 'Ndakuyicela ivuthiwe' ngokomxholo webali. (2)

4.1.7 Nyathelo lini elathatyathwa nguQolwana phambi kokuba alahleke uNozukile? (2)

4.1.8 Xela udidi lwempixano ebonakala kwintlalo yakwaMavumisa. Xhasa impendulo yakho. (2)

4.1.9 Chaza imfundiso yeli bali. (2)

**KUNYE**

4.2 Funda esi sicatshulwa silandelayo uze uphendule imibuzo.

**ISICATSHULWA H**

**ITUTU LASETIKITIKI**

Ngalo nyaka uThobile ebefunda ngawo ibanga lesithathu uMdesalini wonyulwe wangusihlalo wekomiti yesikolo. Ngenye imini uTolo lo uthe eze entlanganisweni yesikolo wabona unyana wakhe ehleli ngaphandle kwamagumbi okufundisela. UMchenge akayikhathalelanga le nto koko uye ekomitini yesikolo. Iphume ikomiti lo nyana wakhe esagcakamele ilanga. UNgwenyankomo noko ithande ukumkhuba ngoku le nto.

Ukuphuma kwesikolo umcothozisile unyana wakhe efuna ukuqonda ukuba ubehlaleleni phandle ngexesha lesikolo. UThobile uphendule ngelithi ukhutshelwa phandle yena xa kufundiswa mihla le.

*'Uqale nini ukukhutshelwa phandle?'*
*'Kudala, tata.'*
*'Kutheni ukhutshelwa phandle nje ngexesha lesikolo?'*
*'Andazi nokuba yinto yokuba utitshalakazi egcada amaqanda ahlambe nasemlanjeni yonke imihla na.'*
*'Ke wena uye ubone le titshalakazi ihlamba emlanjeni?'*
*'Hayi, tata, ndiya ndihleke mna.'*
*'Kwedini uye uhleke ititshalakazi yakho ihlamba emlanjeni?'*
*'Tata, akukho mlambo phaya esikolweni kodwa nakuba ungekho nje utitshalakazi uye athi uhlamba emlanjeni.'*
*'Ke wena ikukhathaza ngantoni into yokuhlamba komntu kumlambo ongekhoyo?'*
*'Hayi mna tata ndiye ndihleke abanye abantwana abangakwaziyo ukuthi "river" koko bathi "liva".'*

**Uncumele ecaleni** uNgwenyankomo nakuba ubengancunyiswa kukuchitha konyana wakhe imini ehleli ecaleni kwamagumbi okufundisela. Ngosuku olulandelayo undulukile ukuya ngasesikolweni sakuTikitiki ukuya kuqonda le nto ngokwakhe.

4.2.1 Xela ukuba wayezalelwe phi uThobile. (1)

4.2.2 Chaza ukuba kwakutheni ukuze uThobile aye kufunda kuCingco. (2)

4.2.3 Nika intsingiselo yegama, 'umcothozisile' elikwisicatshulwa. (2)

4.2.4 UThobile utyhilwa njengomfundi onjani kule ngxoxo yakhe noyise? (2)

4.2.5 Xela ukuba ubusela bukaThobile buyibange njani ingxabano phakathi kwabazali bakhe. (2)

4.2.6 Sikweliphi inqanaba lesakhiwo sebali esi sicatshulwa? (1)

4.2.7 Nika uphawu olubonisa ukuba eli libali elifutshane ngokukhetha impendulo echanekileyo ngezantsi:

A Abalinganiswa baninzi.
B Iziganeko ziyaqupha ukwenzeka.
C Abalinganiswa bayazithethela.
D Ibali libaliswa ngumlinganiswa. (1)

4.2.8 Xela isiganeko esenza ukuba inkundla imthumele kwisibhedlele sengqondo uThobile. (1)

4.2.9 Nika umfanekiso-ngqondweni otyhilwa libinzana elibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

4.2.10 Chaza indlela uluntu olwamamkela ngayo uThobile emva kokubuya kwakhe entolongweni. (2)

4.2.11 Nika umxholo weli bali. (1)

4.2.12 Yintoni eyabangela ukuba uThobile emke eCingco? (1)

**AMANQAKU ECANDELO C: 35**

## ICANDELO D: ISIHOBE

Phendula imibuzo esetwe kwimibongo YOMIBINI.

### UMBUZO 5: *VUKANI MADODA KUSILE* – A Stemela-Umhleli

5.1 Funda umbongo olandelayo uze uphendule imibuzo.

**INKONJANE – VV Sigonya**

Ndayibon' ibhabh' ipheph' okwengelosi.
Ndayibanga ngeliso ndathi yeyam.
Mpiko zayo zaphendlwa-phendlwa;
Ngumoy' ongephi zityhil'ubumbeje-mbeje.

Ndayibonga ndagqiba ngentliziyo.
Ndafihl' izikhwazo ndisoyik' uluntu.
Yandimemez' ibikudaba.
Yavakal' intlontl' ingqay' ubomi bam.

Wavakal'umoya wentumekelelo.
Zagungq'iingcango zentliziyo.
Lwabeth'uvalo lundityel'uba yeyam.
Umoya wembala nawo wandingqinela.

Ndayondela; ndayijonga;ndayiphonononga;
Ndafik'iyimfezek'ingqibelelo.
Yayizotyiwe ngenene ngemini yehlobo.
Yabuthabatha bonk'ubume bam.

Ndalama ndakondela eso sihlwithi.
Ndadandatheka ndakubon'eso sifuba.
Ndawubon'umandlalo wenzala yam umntyinga-ntyingana.
Isisila sona sixhentsa mva.

Luqhotyoshwe kweso sithuba ke olu lwimi.
Ndithethe ndagqiba kodwa hayi intlokomo.
Ndazibona ndindodwa ndisemehlwen'oluntu.
Ndanyalasa; ndingqola-ngqola; ndibheshuza;
Ngomphefumlo ndingaboni mntu.

Manqina mani na la andicand'umphefumlo?
Nzipho zini na ezi zindikrwemp'ulonwabo?
Ncumo luni na olu lukuwe ntaka ndini?
Mdiki mni lo ulele kwezo nzipho?

Ntaka ndini yezulu;
Ngeba wena uyinzulu;
Ngoba wena unyulu.

5.1.1 Xela izinto EZIMBINI ezifaniswayo kumqolo woku-1 nophawu olufaniswa ngazo. (2)

5.1.2 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Umoya ophendla-phendla iimpiko zayo uveza (ukundanda kwenkonjane/ ubuhle benkonjane/ukuhamba kwenkonjane). (1)

5.1.3 Chaza igalelo lemini yehlobo kubuhle benkonjane. (2)

5.1.4 Xela ukuba atyhila ntoni amagama akrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mbongo. (2)

5.1.5 Chaza ukuba iqaqambisa ntoni imibuzo-buciko ekwisitanza sesi-7. (2)

5.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Lo mbongo uludidi olubizwa ngokuba ngumbongo ...

A -nkcazo.
B oyisonethi.
C oyi-eleji.
D -mbaliso. (1)

5.1.7 Cacisa okuthethwa ngumqolo wama-21. (2)

5.1.8 Nika umahluko kwisakhiwo sangaphandle kwisitanza sesi-2 nesesi-8. (2)

5.1.9 Chaza injongo yokusetyenziswa komfanekiso-ngqondweni weliso kumqolo we-19 nowama-20. (2)

5.1.10 Unjani umoya wembongi kulo mbongo? Xhasa impendulo yakho. (2)

5.2 Funda isicatshulwa sombongo esilandelayo uze uphendule imibuzo.

**FUNZELA ENZULWINI – SSM Mema**

Lishushu idabi kumathaf' obu bomi;
Kuqhum' amaqulo kuchachamb' umchiza;
Uxhob' ufohlel' umlisela nomthinjana,
Usilwa noSathana, usilwa nobumnyama.

Ayaxhaxh' amagwala, kuband' umchachazo.
Ubomi ngumzamo kosind' amakroti;
Ubomi ngumthwalo bufuna umqolo;
Umgomo um' umi ulind' umzingisi.

Ubomi lidabi lokulwa nomna;
Iyathimbis' inyama ayifuni kuthotyozwa,
Aying' ingaba lidini lokuzis' impumelelo,
Aying' ingalinda ijonge inzaliseko.

Qina isibindi ukuze uphumelele.
Qul' uphethel' imini nobusuku bayo.
Qhekeza imichankcatho owele ngayo,
Ufunzel' enzulwini ungabuyi ngamva.

Mawuqaqambe umgomo phambi kwakho,
Uziqhiz' iimbophelelo ezikuqamangeleyo,
Uyibeke nxamny' imithwalo ekudobelelayo;
Ulubaleke ngomonde ugqats' olukumeleyo.

Wofuman' abaninzi bengqengq' elungqamekweni,
Wofuman' iqela ligxampuz' emgxobhozweni.
Onke loo maqela akukhwebela kuwo;
Maz' ungawahoyi ufunzele enzulwini.

Ofun' igolide akaqhwayi emgqubeni,
Axel' isikhukukazi sifun' imibungu.
Ozingela izilo uthabatha izagweba,
Avuke kwangonyezi abuye nofele.
Oswele umgomo ufana nemfama,

5.2.1 Nika izandi eziBINI ezenze imfanozandi kumqolo wesi-2. (2)

5.2.2 Xela ukuba libhekisa koobani ibinzana 'umlisela nomthinjana' kumqolowesi-3. (1)

5.2.3 Tshatisa umongo OKUKHOLAM B nesitanza ESIKUKHOLAM A.

| KHOLAM A | KHOLAM B |
|---|---|
| (a) Isitanza sesi-2 | (i) Endleleni yempumelelo uhlangana naboyisakeleyo abaza kutyhafisa kufuneka ujonge phambili. |
| (b) Isitanza sesi-6 | (ii) Amagwala akalungi kuba ubomi bufuna amagorha awomeleleyo anyamezelayo. |
| (c) Isitanza sesi-7 | (iii) Abafuna impumelelo bayahlala bayilinde kubahlobo. |
| | (iv) Ojonge ukuzuza impumelelo uyazilungiselela abe neenjongo ebomini. |

(3 x 1) (3)

5.2.4 Chaza uhlobo lophinda-phindo olukumqolo wesi-6 nowesi-7. (1)

5.2.5 Cacisa okuthethwa ngumqolo we-9. (1)

5.2.6 Xela ukuba igama 'umzingisi' elikumqolo wesi-8 libhekisa kubani ngokwalo mbongo. (1)

5.2.7 Chaza ukuba umqolo we-10 uphuhlisa ntoni. (2)

5.2.8 Yintoni injongo yokusetyenziswa kwezenzi eziyalelayo ezikrwelelwe umgca kwisitanza sesi-4? (1)

5.2.9 Chonga umqolo othetha ukulwa okanye ukususa zonke izinto ezikuthintelayo ukuba ubheke phambili kwisitanza sesi-5. (1)

5.2.10 Ucinga ukuba ngabantu abatheni aba baxelwa kwimiqolo yama-21? (2)

5.2.11 Xela umxholo walo mbongo. (2)

**AMANQAKU ECANDELO D: 35**
**AMANQAKU EWONKE: 70**